**ISEBE LEZEMFUNDO LASEGAUTENG**

**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**INQANABA ELIPHAKATHI**
**(Iphepha Lesithathu)**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamaCandelo amathathu A, B, C.
- KwiCandelo A khetha isincoko sibe sinye ubhale ngaso amaphepha amabini ukuya anesiqingatha.
- KwiCandelo B khetha umhlathana ube mNye kumbuzo ngamNye ubhale ngawo.
- KwiCandelo C khetha umbuzo ube mNye kwemine oyinikiweyo.

ICANDELO A

**UMBUZO 1**

**IZINCOKO**

Khetha ubhale isincoko ngengongoma eNYE kwezi zilandelayo. Ubude mabube ngamagama angama – 250 – 350.

1.1 Iimbacu ezimbini zibambe ingxoxo-mpikiswano eshushu malunga nempatho yazo kweli lizwe lasemzini. Enye le yonwabile enye iziva ingakhuselekanga.

1.2 Ubuhle bekhiwane kanti ziimpethu ngaphakathi. Naba ngalo mba.

1.3 Amasela la akho nkqu ePalamente! Yinto esiza kuyithini le? UMzantsi Afrika ulawulwa zizikrelemnqa. Kha uzithathe iintambo ngokwakho ulawule eli lizwe lixakeke ngolu hlobo, usibonise ukuba wena ungalawula njani?

1.4 Izizathu zendlala nentlupheko kwindawo endihlala kuyo. Zichaze.

1.5 Uthanda mna nje uthanda ingcwaba.

**AMANQAKU ECANDELO A: [30]**

ICANDELO B

**UMBUZO 2**

Khetha ubhale isihloko sibe sinye kwezi zilandelayo. Ubude mabube liphepha elinye, okanye amagama ayi-150 – 200.

2.1 Bhalela umzali wakho osebenza phesheya kolwandle, umcele ukuba akuvumele uye kuchitha iiholide naye phesheya. Mnike izizathu zoko.

**OKANYE**

2.2 Bhalela umphathi wesikhululo samapolisa esikufutshane nawe, umlume iindlebe ngobuqhetseba obenzeka kwizisele ezilapho esikhululweni njengoko amabanjwa esoloko ephuncula abaleke. Wena ke ungumzali welinye lala mabanjwa azikhululeyo eziseleni.

**OKANYE**

2.3 Bhala uxwebhu lwezikhalazo uluthumele kwiziphatha-mandla zakho. Usebenzela ixesha elongezelelweyo kodwa awuhlawulwa ngaloo nto. Ubuya ebusuku, maxa wambi ungena ebusuku. Mbonise lo mfo indlela oluncedo ngayo ekumiseni uqoqosho lwenkampani.

**OKANYE**

2.4 Bhala ubomi ngomfi omdala omaziyo, ufundile, utshatile unosapho, usebenze kumasebe ngamasebe nto leyo emenze wangowaziwayo. **[15]**

**UMBUZO 3**

Khetha ubhale ngomhlathana omNYE kulo mbuzo.

3.1 Thumelela umalume wakho i-emeyile umxelele ngeziphumo zakho zebanga leshumi eziphume izandla.

3.2 Bhengeza impahla erhaselwe nguwe uyixele namagama ayo (umzekelo: umbhekapesheya njalo njalo).

3.3 Bhala iSivi yakho uyithumele kwinkampani ekuqashayo, ngenjongo zokubakhuthaza ze bakwamkele njengoko usandula ukugqiba izifundo zakho kwaNokholeji. **[15]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [30]**

ICANDELO C

**IMIYALELO**

- Phendula umbuzo ube mNYE kuphela kweli Candelo.
- Phendula Umbuzo 4.1 okanye 4.2 okanye 5.1 okanye 5.2.

**UMBUZO 4**

***Sasinoncwadi Kwatanci* – S.C. Satyo Nabanye**

4.1 4.1.1 Chaza indlela akheke ngayo amaqhina. (2)

4.1.2 Chaza imisebenzi ibe mithathu yamaqhina. (3)

4.1.3 Nika amaqhina anokuba neempendulo ezifana nezi:

(a) Ngamehlo. (1)
(b) Ngamabele. (1)
(c) Ngamazinyo. (1)
(d) Yimpumlo. (1)
(e) Lulwimi. (1)
(5)

4.1.4 Ngqamanisa la maqhalo alandelayo. Sebenzisa iisimboli kuphela.
Umzekelo (a) A.

| A | B | |
|---|---|---|
| (a) Akukho mpukane inqakulela enye. | A. Umzondo awuziva kunuka. | (1) |
| (b) Iqaqa aliziva kunuka. | B. Inkqayi ingena ngentlontlo. | (1) |
| (c) Inkovu iphuma ethangeni. | C. Akukho nkwali iphandela enye. | (1) |
| (d) Imfazwe isuk' eziko. | D. Intloya iphuma emasini | (1) |
| | | **(14)** |

4.1.5 Yakha izaci ngala magama alandelayo:

(a) Imbila.
(b) Uxam.
(c) Iintakumba.
(d) Impuku. (4)

4.1.6 Nika iindidi zibe mbini zoncwadi lwesiXhosa. (2)
**[20]**

**OKANYE**

4.2 4.2.1 Chaza imisebenzi ibe mihlanu yeentsomi. (5)

4.2.2 Chaza iimpawu zeentsomi phantsi kwezi ngongoma:

(a) Ukwakhiwa. (5)
(b) Isimbo sokubalisa. (5)
(c) Ixesha, indawo nababalisi. (5)
**[20]**

**UMBUZO 5**

***Amabal' Amafutshane Apha naphaya* – D.M. Jongilanga**

5.1 5.1.1 Ngubani igama lonyana omkhulu kaNqatha nomsebenzi wakhe? (2)

5.1.2 Njengokuba iimoto zazinqabile abantu babebhenela phi ukuya edolophini? (2)

5.1.3 “Zabuya iingqondo kwathi gquzu ngabantwana.” Chonga isifanekisozwi kumgca ongasentla. (2)

5.1.4 Udushe olu luphakathi kwabani nabani? (2)

5.1.5 Zakuba zirhwaqelisiwe iikomityi nika isifanokuthi segama elikrwelwe umgca ngaphantsi. (2)

5.1.6 “Yho-o -o?” wasimbela isinqe.

Sigaba sini sentetho esikrwelwe umgca ngaphantsi sisetyenziswa phantsi kweyiphi imeko? (2)

5.1.7 Nika isizathu sokuba uNqaba asimbele isinqe xa ebona uloliwe. (4)

5.1.8 Nika isithethanto-nye segranqa. (2)

5.1.9 "This, this is the fountain of life – life without it is like a cocktail party without champaigne."

Ngubani lo uthetha la mazwi angentla, ewabhekisa kubani? (2)
**[20]**

**OKANYE**

5.2 Bonisa ukuba ikamva lomntu lisezandleni zakhe ngokuthi utyatyadule ngobomi bukayise kaDengana. (20)

**AMANQAKU ECANDELO C: [20]**

**AMANQAKU: 80**

**ISIPHELO**